# ULUVO OLUJOLISWE KUMGAQONKQUBO OHLAZIYIWEYO ONGEMINIKELO KWISIXEKO SASEKAPA 2026

IYunithi engeNtsebenziswano yezoBucheweshe yeSixeko (TPU) ihlaziye uMgaqonkqubo ongeMinikelo kwiSixeko saseKapa (iNombolo yoMgaqonkqubo 41636) owokuqala wayilwa ngo2015.

**Malunga nomgaqonkqubo oluyilo**
ISixeko saseKapa siphononononge kwaye sahlaziya uMgaqonkqubo ongeMinikelo, owamkelwa okokuqala ngo2015. Umgaqonkqubo ohlaziyiweyo ubonelela ngesakheko esicacileyo malunga nendlela esithi iSixeko samkele, sivavanye kwakhona siphathe ngayo iminikelo esuka kumaqela angaphandle. Le minikelo iquka uncendo lezobuchwepheshe, izibonelelo  kunye neminikelo, ngelixa kucaciswa iinkqubo ezingangeniyo phantsi kwalo Mgaqonkqubo, ezinje ngenkxasomali kunye namaphulo alilinge. UMgaqonkqubo ohlaziyiweyo uhambelana nomthetho wakutshanje, iimfuno zolawulo kunye neenkqubo zeSixeko.

Uphononongo luqhutywe ngenxa yokuba uMgaqonkqubo okhoyo awusabonakalisi ubunzima obungemiba enxulumene neminikelo efunyanwa siSixeko. Ngaphezulu kweminyaka elishumi edlulileyo, kuye kwaziswa iinkqubo ezintsha, nto leyo edala ukungangqinelani phakathi koMgaqonkqubo kunye neenkqubo ezingenxaso. Umgaqonkqubo ohlaziyiweyo wenza kubelula ukuqonda iinkqubo, uphucula inkqubo engokufikeleleka, uqinisa ulawulo kwaye wenza kube lula kumagosa eSixeko, abahlali, amashishini kunye namahlakani ezophuhliso ukuba baqonde indlela engaphathwa ngayo iminikelo.

**Kutheni uMgaqonkqubo uhlaziywa?**
Umgaqonkqubo uhlaziyelwa ukuba:

1. Uhambelane nomthetho wakutshanje, iimfuno zolawulo kunye neenkqubo zeSixeko.
2. Ubonise (iiSOPs) ezintsha kunye nezikhokelo eziye zaphuhliswa ukususela ngexesha lokuyilwa komgaqonkqubo wokuqala.
3. Kususwe  ukungangqinelani kunye namasolotyo aphelelwe lixesha ayequlathwe kumgaqo nkqubo ka2015.
4. Kuphuculwe indlela yokufikelela, ukusebenza ngokufanelekileyo, ulawulo lomngcipheko kunye nokwenza kube lula ukwenza umsebenzi.
5. Ubonelela ngesikhokelo esicacileyo kumagosa eSixeko nakwabo bachaphazelekayo bangaphandle.

**Iziphumo ezilindelekileyo**
Umgaqonkqubo ohlaziyiweyo uza kubonelela ngesakheko esiqondeka lula, esicacileyo kwaye esizinzileyo ngakumbi ngokujoliswe ekuphathweni kweminikelo eya kwiSixeko. Kulindeleke ukuba kunciphiswe ukulibaziseka kwezolawulo, kuqiniswe kwezingokuthotyelwa kwemithetho, kunciphiswe umngcipheko  kwezomthetho nezemali, kwaye kuphuculwe intsebenziswano phakathi kweSixeko nemibutho enqwenela ukuxhasa iinkqubo kunye neeprojekthi zikamasipala.

**Umgaqonkqubo ohlaziyiweyo ucacisa ngokucacileyo ukuba:**

- yintoni eyenza umnikelo;
- yeyiphi imisebenzi engabandakanywayo  kuMgaqonkqubo;
- isicelo esingominikelo ungasenza kanjani, uvavanyo kunye nokwamkelwa kwaso;
- umnikelo kufuneka uhambelane kanjani nezinto ezibekwa phambili kwiSixeko kunye nomthetho; kwakhona
- izikhokhelo ezingezinye kuphi apho zino kuthi zifumaneke khona  ngokuxhasa inkqubo kunye nesikhokelo.

**Vakalisa uluvo lwakho**
Uthethwano lwangaphakathi kunye namacandelo awohlukeneyo eSixeko luthi luncede ekubumbeni nasekuphuculeni lo mgaqonkqubo uyilwayo. Ngoku lithuba lakho lokuvakalisa uluvo lwakho.

Fumana uxwebhu apha: http://www.capetown.gov.za/haveyoursay kunye nakumathala eencwadi.
Ixesha lokungenisa izimvo: ngowe11 kweyeThupha (Agasti) 2026 ukuya ngowe11 kweyoMsintsi (Septemba) 2026
Ngenisa izimvo zakho ngeimeyile ku: Technical.Partnerships@capetown.gov.za okanye ngeintanethi: http://www.capetown.gov.za/haveyoursay.
Malunga nemibuzo gabalala, nceda uimeyile ku: TechnicalParternships@capetown.gov.za.

Kuyakuthi kunikezelwe uncedo olulodwa kwabo bantu bangenakho ukufunda okanye ukubhala, abo bakhubazekileyo nabo bahlelelekileyo apho bangenakho ukungenisa izimvo ezibhaliweyo ukuba kufumaneke izimvo okanye izilungiso zabo ukuze zirekhodishwe kwaye zingeniswe kumasipala. ngokuphangaleleyo. Qhagamshelana noAnthea Bendie kwa 021 400 1450/ Anthea.Bendie@capetown.gov.za okanye kuTechnical.Partnerships@capetown.gov.za.

**LUNGELO MBANDAZAYO**
**UMPHATHI WESIXEKO**
**CTA156/2026**

CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

Senza inkqubela yenzeke. Sisonke.